Navrae
Enquiries
IMibuzo
Nks D SWART

Telefoon
Telephone
IFoni
(021) 467-2000

Faks
Fax
IFeksi
(021) 467-2996

Verwysing
Reference
ISalathiso
1/1/4/R
20020627-0012

Wes-Kaap Onderwysdepartement

Western Cape Education Department

ISebe leMfundo leNtshona Koloni

ISETYHULA: 0063/2002
UMHLA WOKUPHELELWA: AWUKHO
IYA: KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (ABAKWANDLUNKULU NAKWII-EMDC) KUBAPHATHI BEESEKETHE ABAZIINTLOKO, KUBAPHATHI BEESEKETHE, KWIINTLOKO ZAMAZIKO EMFUNDO.

*ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: UMasipala weSixeko saseKapa ukhuphe lo mthetho kamasipala, UKUSETYENZISWA KOMHLABA NEZAKHIWO EKUXHOMENI IZAZISO NEEBHODI ZEZAZISO EZIXHONYWA PHANDLE* .

**ISIHLOKO: UKUSETYENZISWA KOMHLABA NEZAKHIWO EKUXHOMENI IZAZISO NEEBHODI ZEZAZISO EZIXHONYWA PHANDLE**

1. Kucelwa ukuba niqaphele lo mthetho kaMasipala weSixeko saseKapa malunga noku kukhankanywe ngasentla njengoko wathi wapapashwa kwiGazethi yePhondo eYodwa 5801, yomhla wesi-5 Disemba 2001. Lo mthetho kamasipala usebenza kuphela kuloo maziko emfundo aphantsi kolawulo lukaMasipala weSixeko saseKapa.

2. Lo mthetho kamasipala ufuna ukuba izaziso ezixhonywe phandle zibonakalise intlonipho kuso nasiphi na isiza ezixhonywe kuso, yaye zingqinelane nesidima esinikwa loo ndawo zixhonywe kuyo. Ukongeza, izaziso neebhodi ezixhonywe phandle mazingaphazamisi ukusebenza nokhuseleko lwezithuthi ezisezindleleni yaye mazingaxabheli isidima esinikwa ezo ndawo zixhonywe kuzo ngembonakalo yazo, ngobukhulu bazo okanye ngenkazimlo yazo.

3. Lo mthetho kamasipala ukwacacisa imigaqo eza kulandelwa xa kusenziwa isicelo kuMasipala weSixeko saseKapa kunye nemigqaliselo eza kusetyenziswa xa kuqwalaselwa eso sicelo.

4. Le Gazethi yePhondo eYodwa ekhankanywe apha ngasentla ifumaneka kwiNdlu yoWiso-mithetho yePhondo.
   Nantsi idilesi nefoni : Provincial Legislature: Western Cape
   Provincial Gazette
   P O Box 659
   CAPE TOWN
   8000

Inombolo yefoni: (021) 483-4644/483-3549

5. Luxanduva lwentloko/lwenqununu nganye yeziko lemfundo ukuphumeza imigaqo yalo mthetho kamasipala.

6. Ncedani nazise oosihlalo bamabhunga olawulo nabo bonke abanye abantu abachaphazelekayo okubhalwe kule setyhula.

7. Siya kuyivuyela kakhulu intsebenziswano yenu.

INTLOKO EBAMBELEYO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2002-6-21